




AMATHUBA OMSEBENZI KWINKONZO YOMLILO NEYOKUHLANGULA YASEKAPA



ISixeko saseKapa sizingca ngeyona Nkonzo yoMlilo noHlangulo enobuchule kweli lizwe. Ngalo naliphi na ixesha kukho abacimi mlilo abangaphezulu kwama200 emsebenzini/kwishifti kwiZikhululo zoMlilo kuwo wonke umasipala ombaxa abalungele ukuphendula kwimililo, iingozi zemoto kunye nezinye izehlo ezikhethekileyo ezifana nokuhlangula ngokukhawuleza emanzini.

Ukuba ubucinga ngekhono lomsebenzi kwiNkonzo yoMlilo neyoHlangulo, unokufumana ngakumbi malunga nonokukhetha kuzo apha ngezantsi:

INKQUBO YOKUCIMA UMLILO YEKHADETHI



Inkqubo inika abantu abatsha, abanomdla ithuba lokufumana amava ngokuthe ngqo kwiinkonzo zomlilo, ukuphuhlisa impendulo yongxamiseko kunye nezakhono zokhuseleko, bakhonze uluntu ngokuzingca nangokuziphatha kakuhle kwaye bakhe indlela eya kwikhono lomsebenzi elisisigxina lokucima umlilo.

IIMFUNO:

- Isiqinisekiso seBanga le12 (kukhethwa iMethametika neFizikhali Sayensi)
- Iminyaka eli18 nangaphezulu
- Akufuneki ube noloyiko lweendawo ezivaliweyo okanye eziphakamileyo
- Kufuneka ube sempilweni ngokwezonyango nasemzimbeni
- Kufuneka ukwazi ukusebenza kwiqela kwaye umelane neemeko ezinoxinzelelo
- Ungabinayo ingxelo yolwaphulo mthetho

QAPHELA: Bonke abenzizicelo abafakwe kuluhlu olufutshane kuya kufuneka benze kwaye baphumelele olu vavanyo lulandelayo lunyanzelekileyo lokuba sempilweni komzimba:

- Ukufikelela kuvavanyo (1,9 m)
- 2,4 km ukubaleka (amadoda imizuzu eli 11 kunye nabasetyhini imizuzu eli13)
- Iiphushaphu (30 kwimizuzwana engama 60)
- Iisithaphu (30 kwimizuzwana engama 60)
- Ukuthwala umthwalo (2 x 25 kg imigqomo kumgama we100 m)

NGEXESHA LOQEQESHO IIKHADETHI ZIYA KUFUNDA:

- Ukucima umlilo kunye neendlela zokuhlangula
- Uncedo lokuqala olungxamisekileyo
- Ukuba sempilweni nokuziphatha kakuhle
- Ukusebenzisana, ubunkokheli kunye nonxibelelwano

QAPHELA: Abenzizicelo abaphumelele uvavanyo lomzimba kufuneka:

- Baphumelele uvavanyo olubhaliweyo kunye nodliwanondlebe
- Bangenise iminwe yabo kunye neenombolo zezazisi ngenjongo yokujonga iingxelo zolwaphulo mthetho (akukho ezinye iziqinisekiso zolwaphulo mthetho eziya kwamkeleka)
- Benze uvavanyo lonyango lweSixeko
- Benze uvavanyo olusisinyanzelo lweziyobisi kwiziko lovavanyo leSixeko
- Baphumelele uvavanyo lweclaustrophobia ne-acrophobia (uloyiko lweendawo ezivalekileyo kunye neziphakamileyo)

IMIQATHANGO EYODWA EDIBENE NESITHUBA SOMSEBENZI:

- Abenzizicelo kufuneka bahlale kummandla kamasipala waseKapa
- Akukho siqinisekiso sengqesho esisigxina ekugqityweni kwenkqubo
- Ngabafakizicelo abangaphangeliyo kuphela abaya kuqwalaselwa
- Iikhadethi kufuneka zinxibe iyunifomu kunye nempahla ekhuselayo



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD



AMATHUBA OMSEBENZI KWINKONZO YOMLILO NEYOKUHLANGULA YASEKAPA



ISixeko saseKapa sizingca ngeyona Nkonzo yoMlilo noHlangulo enobuchule kweli lizwe. Ngalo naliphi na ixesha kukho abacimi mlilo abangaphezu kwama200 emsebenzini/kwishifti kwiZikhululo zoMlilo kuwo wonke umasipala ombaxa abalungele ukuphendula kwimililo, iingozi zemoto kunye nezinye izehlo ezikhethekileyo ezifana nokuhlangula ngokukhawuleza emanzini.

Ukuba ubucinga ngekhono lomsebenzi kwiNkonzo yoMlilo neyoHlangulo, unokufumana ngakumbi malunga nonokukhetha kuzo apha ngezantsi:



ABACIMI MLILO BAMAHATHI

Le yikhontrakthi yethutyana yabantu abathanda ukusebenza phandle, amaxesha amaninzi kwiindawo ezikude /imixawuka, nabazimisele ngokukhusela okusingqongileyo. Abacimi mlilo basmahlathi bancedisa ukucima imililo yamahlathi, besebenzisa izixhobo zomlilo kunye nezixhobo. Bakwancedisa ekuthinteleni umlilo kunye nokutsha okulawulwayo.

IIMFUNO:

Abenzizicelo mababe neminyaka eli18 nangaphezulu, babe namabanga emfundo ubuncinane iBanga le12 kunye nengxelo yolwaphulo mthetho enganachaphaza. Kwakhona kufuneka bavume oku:

- Ukugqibezela uqeqesho lwethiyori lokucima umlilo
- Ukumiswa kuso nasiphi na isikhululo somlilo esikumasipala ombaxa
- Ukusebenza iiyure ezingama 40 ngeveki kunye neeshifti
- Ukusebenza iiyure ezongezelelweyo / ixesha elongezelelweyo ngesaziso esifutshane
- Ukusebenza kwiqela kwaye umelane neemeko ezinoxinzelelo

Amava angaphambili kushishino olunxulumene nomlilo aya kuba luncedo (oko kukuthi, aBacimi Mlilo bamaHlathi)

QAPHELA: Bonke abenzizicelo abafakwe kuluhlu olufutshane kuya kufuneka benze kwaye baphumelele olu vavanyo lulandelayo lunyanzelekileyo lokuba sempilweni komzimba:


- Ukufikelela kuvavanyo (1,9 m)
- 2,4 km ukubaleka (amadoda imizuzu eli 11 kunye nabasetyhini imizuzu eli13)
- Iiphushaphu (30 kwimizuzwana engama 60)
- Iisithaphu (30 kwimizuzwana engama 60)
- Ukuthwala umthwalo (2 x 25 kg imigqomo kumgama we100 m)

QAPHELA: Abenzizicelo abaphumelele uvavanyo lomzimba kufuneka:

- Baphumelele uvavanyo olubhaliweyo (iMethamatiki noluqonda isiNgesi)
- Bangenise iminwe yabo kunye neenombolo zezazisi ngenjongo yokujonga iingxelo zolwaphulo mthetho (akukho ezinye iziqinisekiso zolwaphulo mthetho eziya kwamkeleka)
- Benze uvavanyo lonyango
- Benze uvavanyo olusisinyanzelo lweziyobisi

IMIMANDLA YOKUSEBENZA ENGUNDOQO IBANDAKANYA:

- Ukuqhuba imisebenzi yokucima umlilo phantsi kwesikhokelo
- Ukusabela kunye nokulwa imililo yezityalo
- Ukujonga nokugcinwa kwezixhobo zokucima umlilo
- Ukujonga, ukucoca nokugcina izithuthi zokucima umlilo
- Ukuqhuba imisebenzi kunye nokugcinwa kweSikhululo somlilo
- Ukuncedisa ekupheliseni imililo eqhambukayo
- Ukufumana uqeqesho oluqhubekayo



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD




AMATHUBA OMSEBENZI KWINKONZO YOMLILO NEYOKUHLANGULA YASEKAPA



ISixeko saseKapa sizingca ngeyona Nkonzo yoMlilo noHlangulo enobuchule kweli lizwe. Ngalo naliphi na ixesha kukho abacimi mlilo abangaphezu kwama200 emsebenzini/kwishifti kwiZikhululo zoMlilo kuwo wonke umasipala ombaxa abalungele ukuphendula kwimililo, iingozi zemoto kunye nezinye izehlo ezikhethekileyo ezifana nokuhlangula ngokukhawuleza emanzini.

Ukuba ubucinga ngekhono lomsebenzi kwiNkonzo yoMlilo neyoHlangulo, unokufumana ngakumbi malunga nonokukhetha kuzo apha ngezantsi:



UNIXIBELELWANO NGEXESHA LIKAXAKEKA1

Abanxibelelanisi bexesha likaXakeka balilizwi elizolileyo kwingxaki. Esi sikhundla sesabantu abacinga ngokukhawuleza abanezakhono ezibalaseleyo zokunxibelelana kunye nokukwazi ukuhlala uzolile phantsi koxinzelelo.

IMISEBENZI IQUKA:

- Ukuphendula iminxeba kaxekeka (umlilo, unyango, uhlangulo)
- Ukusasaza amaqela oMlilo noHlangulo
- Ukubonelela uluntu ngolwazi
- Ukubhala idatha yesiganeko kunye nohlaziyo

IIMFUNO:

- Isiqinisekiso seBanga le12
- Iinyanga ezi6 – unyaka omnye (1) wamava oqhagamshelwano okanye amava kwiziko lomnxeba
- Ulwazi lwekhompyutha
- Ukuqonda imisebenzi kunye neenkqubo zeziko loqhagamshelwano olungxamisekileyo
- Izakhono ezifanelekileyo zokunxibelelana nabantu, unxibelelwano kunye nobudlelwane boluntu
- Akukho ngxelo yolwaphulo mthetho
- Kufuneka ukwazi ukusebenza iishifti kuquka neeshifti zasebusuku
- Kufuneka ufumaneka ukusebenza ngeempelaveki



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Making progress possible. Together.